# ISIBONELELO SABANTWANA ABANGENAZO IZAFITIKETI ZOKUZALWA KUNYE NABAGCINI-BANTWANA ABASEMTHETHWENI ABANGENAZO INCWADI YESAZISI

**Ingaba ubunalo na ulwazi ukuba abantwana abangenazo izafitiketi zokuzalwa (birth certificates) kunye nabagcini-bantwana abasemthethweni abangenazo incwadi zezazisi(IDs) banako ukufumana isibonelelo seSASSA?**




Abantu abaninzi abazi ukuba umthetho awunamkhethe kumntwana ongenaso isiqinisekiso sokuzalwa, nomntu omdala ongumnakekeli ongenayo incwadi yeSazisi ukuze oku ingabi sisithintelo sokuxhamla izibonelelo zoluntu. Esi sibonelelo sihambelana noMiselo we13(1) woMthetho woNcedo Loluntu wonyaka wama-2004.

Le ncwadana ichaza banzi kunye nokuthe vetshe ngoMiselo we13(1) nokuba ungasifaka njani isicelo sesibonelelo ukuba awunaso iSazisi sakho okanye isatifiketi sokuzalwa komntwana wakho.

LRC
Legal Resources Centre

children's institute
child rights in focus
Research • Advocacy • Education

University of Cape Town • iYunivesithi yaseKapa • Universiteit van Kaapstad

sassa
SOUTH AFRICAN SOCIAL SECURITY AGENCY

# INGABA UYAZI UKUBA ABANTWANA ABANGENAZO IZIQINISEKISO ZOKUZALWA NABAGCINI-BANTWANA ABASEMTHETHWENI ABANGENAZO INCWADI YEZAZISI BANAKO UKUFUMANA IZIBONELELO ZOLUNTU ESASSA?

## Okuthethwa ngumthetho ngesibonelelo soluntu sabantu abangenazo izazisi okanye iziqinisekiso zokuzalwa

Icandelo lama-27(1)(c) loMgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika lithi **wonke umntu** unelungelo lokufumana izibonelelo zoluntu, oku kuquka isibonelelo esifanelekileyo ukuba akunakho ukuzixhasa okanye abo abaxhomekeke kuwe.

Icandelo lama-28(1)(c) loMgaqo-siseko weli lithi **"wonke umntwana unelungelo lokufumana isondlo, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo neenkonzo zoluntu."**



Ukufezekisa okuqulathwe kuMgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika, urhulumente unikezela ngezibonelelo eziquka isiBonelelo seNkxasomali (CSG) kubantwana abangathathi-ntweni abangaphantsi kweminyaka eli-18, isongezelelo i-CSG Top-Up seenkedama ezihlala phantsi kogcino nenkathalo yezalamana okanye nezihlobo, isiBonelelo sabaxhomekekileyo (CDG) sabantwana abaphila nokukhubazeka, iFoster Care Grant (FCG) yabantwana abadinga ukuhlaliswa kwezinye iindawo ngenxa yokuxhatshazwa okanye ukungahoywa. Abagcini-bantwana abasemthethweni banako ukufaka izicelo zesi sibonelelo kwi-ofisi zamaziko abo asekuhlaleni eSouth African Social Security Agency (iSASSA).

UMthetho wokuNcedisa uLuntu (iSocial Assistance Act) kunye neMimiselo yawo inikezela imiqathango nemigaqo yezi zibonelelo. Eminye yale miqathango kukuba kumele ubengumi waseMzantsi



Afrika, umhlali osisigxina okanye imbacu ukuze ukwazi ukuxhamla kwesi sibonelelo. UMiselo we-13(1) ukhuthaza ukuba umgcini-mntwana osemthethweni angenise isicelo somntwana wakhe avelise isazisi sakhe kunye nesiqinisekiso (isatifikethi) sokuzalwa somntwana lowo isicelo senzelwa yena. Oku kunika ubungqina bokuba ngenene ungumi waseMzantsi Afrika, umhlali osisisgxina okanye imbacu.

Kodwa bakhona abagcini-bantwana abangenazo incwadi zezazisi kunye nabantwana abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa. Ukuqinisekisa ukuba umgcini-mntwana osemthethweni nomntwana abathintelwa ekusebenziseni ilungelo labo lokufumana isibonelelo, uMiselo we-13(1) uquka isibonelelo sokungacalucalulwa ngokuba bengenazo incwadi yesazisi okanye iziqinisekiso zokuzalwa.

**Isibonelelo sithi ukuba umgcini-mntwana osemthethweni akanaso isazisi (ID), okanye umntwana akanaso isiqinisekiso sokuzalwa, iSASSA mayisamkele isicelo nokuba asikho isazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa somntwana.**

**ISASSA mayinike umgcini-mntwana osemthethweni isifungo (Affidavit) seSASSA ukuze abhale iinkcukacha zakhe aze asityikitye, kwaye oku kuzakwamkeleka endaweni yesazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa somntwana.**




LRC Legal Resources Centre

children's institute child rights in focus Research · Advocacy · Education

sassa

## ZININZI IZIZATHU EZIBANGELA ABANYE ABANTWANA BANGABINAZO IZIQINISEKISO ZOKUZALWA.

### ABANTWANA ABANAMATHUBA AMANINZI OKUSOKOLA UKUFUMANA ISAZISI SOKUZALWA BAQUKA ABABADWELISWE KULUHLU OLUNGEZANTSI:

- ABANTWANA ABAZALELWE EKHAYA EZILALINI,
- IINKEDAMA OKANYE ABANTWANA ABALAHLWE KWIZALAMANA KUNYE NEZIHLOBO,
- ABANTWANA ABAHOYWE NGOOTATA BABO ABANGATSHATANGA EMVA KOKUBA BESWELEKELWE NGOOMAMA BABO OKANYE BALAHLWE LUSAPHO LWABO,
- OKANYEABANTWANA ABANOOMAMA ABANGENAZO INCWADI YEZAZISI.


**Bonke abantwana abangathathi-ntweni banelungelo lokufumana isibonelelo sikarhulumente, nokuba abanaso isatifiketi sokuzalwa okanye abazali babo abakabina zazisi.**

IChildren's Institute okanye Iziko Labantwana KwiDyunivesithi yaseKapa (iUCT) kuphando noqikelelo manani iqikelela ukuba ngonyaka wama-2017 bekukho abantwana abangama-**500 000** eMzantsi Afrika abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa, kwaye umyinge wepesenti engama-80% wabo ngabemi boMzantsi Afrika. Eli nani lilindeleke ukuba lonyuke ngonyaka wama-2023 ngenxa yokuvingcwa kwamazibuko ngubhubhane wesifo Icovid-19 kunye nokuvalwa kwezinye inkonzo, nokuphungula inkcitha-mali yeenkonzo leSebe lezeMicimbi yezeKhaya -Department of Home Affairs.

NgoDisemba kunyaka wama-2022, banga-ma-**50 000** abantwana abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa ababefumana izibonelelo. Nangona eli nani linyukile emva kweminyaka emihlanu edlulileyo, isininzi sabantwana abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa basathintelwa ukuba bafumane izibonelelo. Badinga uncedo lwakho ukuba bazifumane ezi zibonelelo.

Abanye abazali abanazo incwadi zezazisi. Oku kungenziwa kukuba kwabona ukuzalwa kwabo zange babhaliswa ngabazali babo okanye bazimbacu ezineempepha mvume, nezisalinde izazisi zabo. Okanye bazinkendama, mhlawumbi nabo babelahliwe bengabantwana. Okanye bangoomama abasebatsha abaphuma phakathi esikolweni.

NgoDisemba kunyaka wama-2022 babe mayelana nenani elingama-**10 000** abagcini-bantwana abangenazo izazisi ababefumana izibonelelo zabantwana.




# NGAWAPHI AMANYE AMAXWEBHU AMKELEKILEYO OKUFAKA IZICELO?

## NGAPHEZU KOKUBHALA IINKCUKACHA NOKUTYIKITYA ISIFUNGO SESASSA, UZAKUCELWA UKUBA UNGENISE ELINYE LA LAMAPHEPHA:

- Ikhadi laseKlinikhi;
- Isatifiketi sokuphehlelelwa;
- Ileta ebhalwe ngumntu othembakeleyo okwaziyo wena njengomntu ofaka isicelo kunye nomntwana wakho okanye umntwana lowo uphantsi kogcino lwakho olusemthethweni. Lo mntu angayinqununu yesikolo, inkokheli yasekuhlaleni equka usibonda welali okanye ikomkulu, uceba, unontlalo-ntle okanye umfundisi kwezakalizwi;
- Iripoti yesikolo engqina ukufunda komntwana esikolweni. Umzekelo: jonga ifomu yeSASSA encanyathiselweyo;
- Ubungqina obuvela kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs besicelo sakho sokwenza isazisi okanye isazisi sokuzalwa; okanye
- Ikopi yecandelo lama-24 esisigunyaziso sobukho bakho kweli lizwe ukuba uyimbacu.

**KUBALULEKILE:** Ubungqina besicelo sakho kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs, abafuneki kwinqanaba lokwenza isicelo sesibonelelo. Nokuba awunabo ubungqina bokufaka isicelo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs sokwenza isatifiketi sokuzalwa okanye isazisi, umgcini-mntwana osemthethweni unako ukufaka isicelo sesibonelelo.

LRC Legal Resources Centre · children's institute child rights in focus Research • Advocacy • Education · sassa

**YINTONI OYIDINGAYO XA UFAKA ISICELO SAKHO SESIBONELELO, UKUBA AWUNAYO INCWADI YESAZISI SAKHO OKANYE ISIQINISEKISO SOKUZALWA KOMNTWANA WAKHO.**

# YAZI AMALUNGELO AKHO

## Andinaso isazisi, kodwa ndifuna ukuba umntwana wam afumane isibonelelo – kufuneka ndenze njani?

**Yiya kwi-ofisi zeziko laseSASSA elikufutshane nawe ubacacisele ukuba awunaso isazisi kwaye ufuna ukufaka isicelo sesibonelelo ngokoMiselo we13(1) ovumela abantu abangenazazisi ukuba bafake izicelo zesibonelelo sikarhulumente ukuba izazisi zabo azikafumaneki okanye zilahlekile.**

Igosa leSASSA kumele likuvumele ukuba ufake isicelo sakho sesibonelelo, usebenzisa isifungo (Affidavit) endaweni yesazisi sakho.

Banako ukucela ukuba ungenise **ELINYE** ixwebhu kwanga adweliswe ngezantsi, endaweni yesazisi:

- ikhadi laseKlinikhi;
- isazisi sokuphehlelelwa;
- ileta ebhalwe ngumntu othembakeleyo nokwaziyo wena mntu ufaka isicelo kunye nomntwana. Lo mntu angayinqununu yesikolo, inkokheli yasekuhlaleni equka usiboda okanye ikomkulu, uceba, unontlalo-ntle okanye umfundisi kwezakalizwi;
- iripoti yesikolo engqina ukuhamba komntwana isikolo. Umzekelo: jonga ifomu yeSASSA encanyathiselweyo;
- ubungqina obuvela kwiSebe leMicimbi yezeKhaya-Department of Home Affairs besicelo sakho sokwenza isazisi okanye isatifiketi sokuzalwa; okanye
- ikopi yecandelo lama-24 esisigunyaziso sobukho bakho kweli lizwe ukuba uyimbacu.

## Umntwana wam akanaso isazisi sokuzalwa – ingaba ndinako ukufaka isicelo sesibonelelo?

**Ewe, uMiselo we13(1) weMimiselo uthi ukuba umntwana wakho akanaso isazisi sokuzalwa, unako ukufaka isicelo sesibonelelo seSASSA.**

Amagosa eSASSA kumele akunike isifungo ugcwalise iinkcukacha zakho utsho usityikitye endaweni yokuvelisa isazisi sokuzalwa.

Banako ukucela ukuba ungenise **ELINYE** lamaxwebhu adweliswe ezantsi ukuqinisekisa ukuba umntwana wakho ngubani:

- ikhadi lomntwana wakho laseklinikhi;
- isazisi sokuphehlelwa;
- ileta ebhalwe ngumntu othembakeleyo nokwaziyo wena umntu ufaka isicelo kunye nomntwana wakho. Lo mntu angayinqununu yesikolo, inkokheli yasekuhlaleni equka usibonda welali okanye ikomkhulu, uceba, unontlalo-ntle okanye umfundisi kwezakalizwi;
- iripoti yesikolo engqina ukuhamba komntwana isikolo. Umzekelo: jonga ifomu yeSASSA encanyathiselweyo;
- ubungqina obuvela kwiSebe lezeMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs besicelo sakho sokwenza isazisi okanye isatifiketi sokuzalwa; okanye
- ikopi yecandelo lama-24 esisigunyaziso sobukho bakho kweli lizwe ukuba uyimbacu.




## Unogada weSASSA akandivumeli ukuba ndingene kwiiofisi zeSASSA kuba ndingenaso isazisi esisemthethweni – kufuneka ndenze njani?

**Akukho semthethweni ukuba nabani akuthintele ukuba ungene kwiiofisi zeSASSA. Unalo ilungelo lokungena kwi-ofisi yeSASSA ufake isicelo sakho sesibonelelo ukuba awunaso isazisi okanye umntwana wakho akanaso isatifiketi sokuzalwa.**

Ukuba wena okanye umntwana wakho niyathintelwa ukuba ningene kwi-ofisi yeSASSA. Cela ukuthetha nomphathi weofisi. Qinisekisa ukuba ucela igama lonogada ukuze ukwazi ukuxelela umphathi weofisi ukuba ngomphi unogada okuthintele ukuba ungene eofisini. Unako ukufaka isikhalazo kwibhokisi yezikhalazo kwaye unikeze ngegama lonogada okuthintele ukuba ungene eofisini. Ukuba awuncedwanga, nceda uqhakamshelane nenye yemibutho edweliswe ezantsi kule ncwadana ukuze ufumane uncedo.



## Igosa leSASSA lithi mandinikeze ubungqina obusuka kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs obuveza ukuba ngokwenene ndisifakile isicelo sokwenza incwadi yesazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa komntwana phambi kokuba baphicothe isicelo sam sesibonelelo – ingaba lo nto ivumelekile ngokomthetho?

**Hayi, oku ayingomgaqo-nkqubo weSASSA.**

Umgaqo-nkqubo weSASSA, uthi igosa malamkele isicelo sakho sesibonelelo, nokuba awunabo ubungqina bokuba usifakile isicelo sesazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa komntwana kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs. Ubungqina bokufaka isicelo selinye la maphepha ongawangenisa ukuba unalo, kodwa akunyanzelekanga ukuba wenze njalo.

## Kufuneka ndenzeni emva kokuba i-SASSA isamkele isicelo sesibonelelo sam?

**Emva kokungenisa isicelo sakho eSASSA, yiya kwiSebe leMicimbi yezeKhaya – Department of Home Affairs uyokuqonda ukuba udinga ukwenza ntoni ukuze ufake isicelo sakho sesazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa somntwana.**

Unako ukucela igosa leSASSA ukuba likubhalele incwadi ekuthumela kwiSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs ukuze bazi ukuba ungumntu oxhamla kwiinkonzo zeSASSA. Okanye ubonise igosa leSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs incwadi esisigunyaziso seSASSA equka inani elikhethekileyo leSASSA (eli nani liqala ngamanani u7777) ubaxelele ukuba uthunyelwe yiSASSA. Loo nto inganceda ukuba iSebe leMicimbi yezeKhaya- Department of Home Affairs ikhawulezise ikuncede.


**Kubalulekile ukuba bonke abantwana babenazo iziqinisekiso zokuzalwa.**

Oku kuqinisekisa ukuba ilungelo labo lokuba negama, ubumi, nobubona luyafezekiswa. Ukuba abanazo iziqinisekiso zokuzalwa, bangathintelwa ekufumaneni iinkonzo zoluntu ezingamalungelo abo ezifana nemfundo nezempilo. Akukho semthethweni ukuba izikolo okanye iiklinikhi zithintele abantwana abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa la malungelo – kodwa asinguye wonke umntu oyaziyo ukuba umthetho uthini kwaye, abanye abantu bangakucalu-calula wena nomntwana wakho. Abantwana abangenazo iziqinisekiso zokuzalwa bangasokola ukufumana incwadi zezazisi xa beneminyaka eli-16, kwaye oku kuzala iziphumo ezibi ebomini babo. Umzekelo, abakwazi ukuvula iakhawunti kunye namaKhasi ebhankini okanye ukufunda kwimfundo enomosila efana neKholeji okanye eDyunivesithi. Bayasokola ukufumana umsebenzi okanye ukwenza isicelo sokwamkela isibonelelo sabantu abadala xa befika kwiminyaka yama-60 ubudala.

Phambi kokuba uphume kwiSebe lezeMicimbi yezaseKhaya- Department of Home Affairs, qinisekisa ukuba bakunika irisithi okanye elinye iphepha (umzekelo incwadi ekuthumela koonontlalo-ntle) njengobungqina bokuba uqalile ukufaka isicelo.

Thatha ikopi yalo risithi okanye ileta uyise eSASSA ucele igosa lakhona ukuba lamkele ikopi leyo ukuze bayifake kwifayile yakho,babeke isingxi kwibhokisi ethi 'DHA receipt' kwinkqubo yekhompyutha. Oku kuzakuqinisekisa ukuba isibonelelo sakho asikho sesichengeni sokucinywa.

**Ndisifumana njani isazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa somntwana? Siyazi ukuba ngamanye amaxesha kunzima ukufumana isatifiketi sokuzalwa okanye incwadi yeSazisi kwiSebe leMicimbi yezaseKhaya- Department of Home Affairs. Nceda uqhakamshelane nathi kwezi nombolo zingezantsi ukuba awulufumani uncedo kweliSebe okanye udinga iingcebiso.**



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Child's ID No. | | | | |
| Alternative ID No. | | | | |
| Home Affairs receipt attached | Y | X | N | Receipt Date |
| Surname | | | | |
| Name(s) | | | | |
| Date of Birth | | | | Ger |

## Kufuneka ndenze ntoni emva kokuba ndifumene incwadi yesazisi sam okanye isiqinisekiso sokuzalwa komntwana wam?

**Yenza ikopi yencwadi yesazisi sakho okanye isatifiketi sokuzalwa komntwana wakho usise eSASSA.** Cela igosa leSASSA ukuba liguqule okubhaliweyo ngawe(profile) kwinkqubo yekhompyutha yabo, bafake isazisi sakho okanye isatifiketi sokuzalwa komntwana wakho. Oku kuzakuqinisekisa ukuba isibonelelo sakho asicinywa.

Kweli nqaba amagosa eSASSA akumelanga ukuba akwenze ukuba usiqalele ekuqaleni isicelo sakho sesibonelelo, kodwa kufuneka baqhakamshele inani lesazisi sakho esitsha okanye inani lesatifiketi sokuzalwa somntwana wakho esitsha phantsi kwegama lakho kwinkqubo yekhompyutha yabo besebenzisa inani lethutyana leSASSA eliqala ngoo7 abane. Oku kuqhakamshela kubalulekile ukuze i-SASSA ithintele urhwaphilizo, kwakhona amagosa eSASSA amaninzi awakwazi ukwenza olu qhakamshelwano ngoko bangakucela ukuba ungenise isicelo esitsha kwakhona.

## Igosa leSASSA lithi isibonelelo siyaphelelwa emva kweenyanga ezintatu ukuba andizanga nesazisi okanye isiqinisekiso sokuzalwa - ingaba yinyani?

**ISASSA ibifudula izicima izibonelelo emva kweenyanga ezintathu ukuba umfaki-sicelo akazisanga isiqinisekiso sokuzalwa okanye isazisi eSASSA kwisithuba seenyanga ezintathu.**

Le nkqubo ibingekho semthetheweni kuba iSASSA ayinalo igunya lokucima izibonelelo emva kweenyanga ezintathu. NgoJuni kunyaka wama-2020 iSASSA yayiyeka lento yokucima izibonelelo. ISASSA ayivumelekanga ukucima izibonelelo zabantwana abangenazo izazisi zokuzalwa ngaphandhle kokuba ikrokrela ukuba lukhona urhwaphilizo olwenzekayo.

Amanye amagosa awayazi into yokuba lento yokucima izibonelelo emva kweenyanga ezintathu yayekiswa kwaye iSASSA ayikaguquli incwadi eyimpepha-mvume ukuba iwucime lo mqathango weenyanga ezintathu. Nceda, ubonise igosa leSASSA le ncwandana kwaye ubacebise ukuba bathethe nomphathi weofisi. Ukuba umphathi weofisi akayazi loo nto, mcele ukuba aqhakamshelane nomphathi wengingqi yakhe ukuze amcebise.

## Ndingumntu omdala ongenaso isazisi. Ndifuna ukwenza isicelo sokufumana Isibonelelo saBantu abaphila noKhubazeko. Ingaba uMiselo we13(1) uyasebenza nalapha kum?

**Ewe, uMiselo we13(1) uyasebenza kuye wonke umntu ongenaso isazisi, kubemi beli lizwe, abahlali abasisigxina kunye neembacu, abo bangenazo izazisi kuquka nezilahlekileyo. Kananjalo lo Miselo unako ukuwusebenzisela ukufaka isicelo sesibonelelo sokuphila nokhubazeko, okanye isibonelelo sabantu abadala.**



## Ndizamile ukusebenzisa uMiselo we13(1), kodwa igosa leSASSA alivumanga ukundinceda, ndenze njani?

**Buza igosa ukuba ungathetha na nomphathi walo.**

Babonise le ncwadana kwakunye nawo onke amaxwebhu owaphetheyo wokufaka isicelo. Ukuba umphathi akakuncedi, cela ukubona uMphathi weOfisi kwaye umbonise le ncwadana nawo onke amaxwebhu akho. Ukuba uMphathi weOfisi akafuni ukunceda, mcele ukuba akubizele uMphathi weNgingqi okanye uMphathi wesiXeko ukuze babonisane ngalo mba wakho. Ukuba awuphumeleli nalapho, qhakamshelana noMphathi Wesixeko esikhulu seSASSA okanye eminye yale mibutho ebhalwe ngasemva kule ncwadana.

### Khumbula ukuba kufuneka uphathe la maxwebhu alandelayo xa usiya eSASSA ukuze ungqinelane nemithetho yeSibonelelo senkxaso yomntwana:

- **Ubungqina bokuba uyiphumelele imiqathango efanelekileyo:** oku ingalixwebhu elibonisa isimo sakho sasebhankini seenyanga ezintathu, iphepha lakho lomrholo, okanye isifungo esibhalwe satyikitywa nguwe, esichazayo ukuba awuqashwanga okanye awunangeniso.
- **Iinkcukacha zakho zasebhankini:** oku kwenzele ukuba i-SASSA ifake isibonelelo sakho ebhankini. Ukuba awunayo iakhawunti yasebhankini kuba ungenaso isazisi, cela iSASSA ikunike ileta eqinisekisa isicelo sakho okanye incwadi engqina ukuba ufumana isibonelelo seSASSA, ozakuyisa ePost Office ukuze uvule iakhawunti yePostbank.
- **Isazisi somtshato kunye nesazisi somlingane wakho:** Ukuba utshatile, i-SASSA izakufuna ikopi yesazisi somtshato kunye nesazisi somlingane wakho.
- **Ubungqina bokuba nguwe umgcini-mntwana osemthethweni:** Ukuba umntwana akazalwanga nguwe, i-SASSA iza kufuna ukuba uvelise ubungqina bokuba nguwe umgcini-mntwana osemthethweni kwaye nguwe omkhathaleleyo. Bafuna ukwazi ukuba nguwe ohoye umntwana imihla ngemihla. Oku kungasisifungo esibhalwe satyikitywa nguwe kwisikhululo samapolisa, incwadi ebhalwe yinqununu yesikolo okanye unontlalo-ntle, okanye isifungo esityikitywe ngumzali womntwana.

### Ukuba ufake isicelo sokongezelwa isibonelelo seenkedama (CSG Top-Up): uzakudinga la maxwebhu alandelayo:

- **Isazisi sokusweleka kwabazali bobabini:** ukuba unazo zozozibini yiya nazo ziqinisekisiwe (certified).
- **Isazi sokusweleka somnye wabazali bomntwana:** Ukuba unesazisi sokusweleka esinye, phatha sona ukuya e-SASSA sizakunceda ukuba ubhale isifungo esicacisayo ukuba awunalwazi lokuba omnye umzali usaphila okanye uswelekile. Oku kungabangwa kukuba awulazi igama lakhe okanye apho ahlala khona.

LRC Legal Resources Centre
children's institute child rights in focus Research · Advocacy · Education
sassa

# INGABA UDINGA UNCEDO YOKUFAKA ISICELO SESIBONELELO NGAPHANDLE KWENCWADI YESAZISI OKANYE ISIQINISEKISO SOKUZALWA?

**1** **Qala ngokutsalela umnxeba inombolo yakwaSASSA.**

tel:0800601011
grantenquiries@sassa.gov.za

**2** **Ukuba abakwazi ukunceda, ungatsalela umphathi wengingqi weSASSA kwiphondo lakho.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| iMpuma Koloni | Nkos. Vuyisa Dodo | VuyisaD@sassa.gov.za | 082 477 2769 |
| iFreystatha | Mnu. Rapelang Leshotho | RapelangL@sassa.gov.za | 061 462 4102 |
| iRhawuti | Nkos. Tsebeletso Makhetha | TsebeletsoM@sassa.gov.za | 082 324 8110 |
| iKwaZulu Natal | Mnu. Dennis Hlengwa | DennisH@sassa.gov.za | 064 687 3655 |
| iLimpopo | Mnu. Maphuti Sethosa | MaphutiS@sassa.gov.za | 060 505 9608 |
| iMpumalanga | Nkos. Kedibone Mathebula | KediboneM@sassa.gov.za | 082 825 1035 |
| uMntla Kapa | Nkos. Yoliswa Matross | YoliswaMa@sassa.gov.za | 073 818 8292 |
| uMntla ntshona | Nkos. Mildred Sono | MildredSo@sassa.gov.za | 066 480 6420 |
| iNtshona Kapa | Mnu. Sibusiso Nhlangothi | MichaelNH@sassa.gov.za | 066 243 5549 |

**3** **Ukuba umphathi wengingqi weSASSA akakwazi ukunceda, nceda utsalele umnxeba umphathi weSASSA kazwelonke.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umphathi jikelele, Customer Care | Mnu. Sonwabo Koliti | Sonwabok@sassa.gov.za | 082 971 9103 |
| iExecutive Manager | Mnu. Brenton van Vrede | Brentonvv@sassa.gov.za | 079 514 4484 |

**4** **Ukuba awukancedakali, nceda uqhakamshelane nomnye wale mibutho ingezantsi.**

LRC
Legal Resources Centre

| | | | |
|---|---|---|---|
| eKapa | 021 879 2398 | eThekwini | 031 301 7572 |
| eRhawutini | 011 836 9831 | eMakhanda | 046 622 9230 |

www.lrc.org.za

children's institute
child rights in focus
Research • Advocacy • Education

064 406 1213
mbonisi.nyathi@uct.ac.za
www.ci.uct.ac.za

BLACKSASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL
**HELPLINE**
Free Paralegal advice service for all
help@blacksash.org.za
072 663 3739
063 610 1865
Mon to Thurs: 08h00-16h00
Fridays: 08h00-15h30
blacksash.org.za